**UNIVERSITY OF FORT HARE**

| XHS 111F |
|---|

**IIMVIWO ZEZIDANGA**

**KWEYESILIMELA (JUNI) 2017**

………………………………………………………………………………………

| | |
|---|---|
| **IXESHA:** | **Iyure enye enesiqingatha** |
| **ISIFUNDO:** | **IsiXhosa** |
| **IPHEPHA-SIFUNDO:** | **IsiXhosa Linguistics (Foundation)** |
| **AMANQAKU:** | **100** |

| Eli phepha linamakhasi ama-3 xa edibene neli ligqumileyo |
|---|

**Abevi Basekhaya**

**Gqir ZW SAUL**
**Nksz DJ GANTO**

## IMIYALELO

**Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye.**

## ICANDELO A: ULWIMI, IFONETIKI NEFONOLOJI

Umbuzo woku-1

1.1 Ngubani lo sozilwimi womMelika uthi ulwimi luyakheka ngokutsha? (2)

1.2 Nika iilwimi **zibe -3** ezifumaneka ngezantsi kwe-ikhweyitha ezibizwa ngokuba ziilwimi zesiNtu. (6)

1.3 Eli gama lithi "Bantu" ngokuphathelele kwiilwimi zaBantu, lasetyenziswa ngubani? (2)

1.4 Yintoni ilingwistiki? (2)

1.5 Nika imizekelo ibe **mibini** yamagama **azizifanadumo**. (4)

1.6 Yintoni ifonetiki? (2)

1.7 Nika iindidi **ezintathu** zefonetiki, ze kwakhona uchaze udidi ngalunye. (6)

1.8 Zingaphi izikhamiso zentsusa ncakasani ngokwefonetiki kulwimi lwesiXhosa? (1)

[25]

Umbuzo wesi-2

2.1 Yenza itshati yezikhamiso zesiXhosa. (5)

2.2 Nika **iindawo** zokuphimisela zibe **ntathu**. (6)

2.3 Zeziphi **iindlela** zokuphimisela **ezintathu** ozaziyo? (6)

2.4 Iiyantlukwano zefonimi zaziwa ngokuba ziintoni? (2)

2.5 Ubude kwigama lesiXhosa benzeka phi? (2)

2.6 Yintoni isangozwi? (2)

2.7 Nika oosingankamiso **ababini** mgokwefonetiki. (2)

**[25]**

Umbuzo wesi-3

3. Nalu uluhlu loonobumba abamele izandi: [m k' v ! a ɓ n ts' // s tʃʰ].

Apha kulo, chonga ezi ndidi zezandi:

3.1 Esiphinyiselwa ngemekhanizim yomsinga-moya **womlomo**. (1)

3.2 **Ezibini** eziphinyiselwa ngomsingamoya wengqula. (2)

3.3 **Ezibini** eziphinyiselwa ngomsinga-moya wevilam. (2)

3.4 **Ezine** eziphinyiselwa ngomsinga-moya wemiphunga. (4)

3.5 **Ezibini** ezi-[+khoronali] (2)

3.6 **Ezibini** ezi- [+phambili] (2)

3.7 **Ezibini** ezi-[-zwi] (2)

3.8 Bhala la magama alandelayo ngokwefonetiki:

(i) umbuzo (2)

(ii) inkomo (2)

(iii) elilelani (2)

3.9 Nika iziphumo zonkantaziso zibe **mbini**. (4)

**[25]**

**ICANDELO B: IMOFOLOJI**

Umbuzo wesi-4

4.1 Chaza la magama alandelayo:

(a) Imofoloji (2)

(b) Isimaphambili (2)

(c) Izakhi ezayamileyo (3)

(d) Izakhi ezizimeleyo (3)

(e) Xela iinguqulelo zibe **ntathu** ezithi zenzeke xa kuthe kwakho izikhamiso ezibini ndaweni-nye. (3)

4.2 Nika iindidi zezimelabizo **zontlanu**. (5)

4.3 Nika izibizo ezimbaxa zibe **ntathu**. (3)

4.4 Nika imizekelo ibe **mibini** yoku kulandelayo:

(i) Izilabalabi (2)

(ii) izihlanganisi (2)

**[25]**

Umbuzo wesi-5

5.1 Azizigaba zini la magama akrwelwe umgca ngaphantsi:

(i) <u>Ezo</u> gusha uziqhubayo uzisa phi? (2)

(ii) Bonke <u>aba</u> bantu bayamthanda lo mntu. (2)

(iii) Uze uzilahle <u>phaya</u> zonke ezo zinto zindala. (2)

5.2 Nika izibizo zala mahlelo alandelayo: **2, 4, 6.** (3)

5.3 Hlahlela esi sibizo ngokwezakhi zaso: **umntu** (5)

5.4 Nika izenzi zibe **ntathu** ezimalungu mathathu. (6)

5.5 Nika **zombini** iindidi zezakhi. (2)

5.6 Cacisa eli gama lingu- **isiqu** (3)

**[25]**

<u>Umbuzo wesi-6</u>

Ungahlomla uthini ngoGuqulo-Gama noGuqulo-mo yegama? **[25]**

@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@@